

Amalungelo nokwabiwa kwemithombo yoncedo kwezempilo

Ukuxhamla kwiinkonzo zempilo eziziselwa uluntu

Ukufumana lula ulwazi oludingayo ngokwasempilweni

Ukuba ngumnini wendlu esemgangathweni

Ukuhlala kwindawo esempilweni

Ukuxhamla kwizibonelelo zoluntu

Intshukumo zolawulo ezizizo, nezizingenamkhethe

Ukuhlonipheka, ukulingana nobom

Imfundo esisiseko

Inkululeko yomntu nokhuseleko

Inkululeko yokholo, unqulo noluvo

Impilo eyiyo lilungelo lakho

Phakama! • Thetha phandle! • Yenza imigushuzo!

Urhulumente angaluchitha njani ulwabiwo mali.

Umzekelo, ukuba unelungelo lokuxhamla kwiinkonzo zempilo, oko kuthetha ukuba urhulumente unoxanduva lokuqinisekisa ukuba oko kuyenzeka ngenene.



Umbutho weZizwe eziManyeneyo uthi urhulumente kufuneka athathe amanyathelo ukuze abantu bakwazi ukonwabela 'impilo ekumgangatho ophezulu ngokwasemzimbeni nangokwasengqondweni'.

Amanyathelo ekufuneka uRhulumente ewathathile ku:

- a) kwenza ukuba oomama babeleke ngendlela ekhuselekileyo, kunciphisa inani labantwana ababhubha bengekawugqibi unyaka, kuqinisekisa ukuba abantwana bakhula besempilweni
- b) kuphucula ukhuseleko lwengingqi ohlala kuyo, ekuhlaleni nasemsebenzini wakho
- c) ukuthintela, ukunyanga nokulawula izifo ezibakho ngenxa yokungabikho kokhuseleko kwindawo osebenza kuyo, okanye eziqhelekileyo ekuhlaleni, okanye ezosuleleka lula ebantwini
- d) kuqinisekisa ukuba bonke abantu abafuna unyango bayalufumana xa begula.

Xa abonelela ngeenkonzo zempilo, urhulumente akufunekanga akucalule ngenxa yeminyaka yakho, okanye ubuhlanga okanye ubume bokugokeka ngokwasemzimbeni, okanye ngokwenkolo okanye ngokukholelwa kwezopolitiko

Izizwe eziManyeneyo zikwachaze ukuba kukhona okunye ukuzibophelela okuphambili kukarhulumente ukuqinisekisa ukuba ungonwabela impilo eyiyo. Ezi zilandelayo zizinto urhulumente anokuqinisekisa ukuba ziyenzeka. Urhulumente kufuneka 'asuse ikati eziko' ukuze wena nosapho lwakho ningalambi, nibe nendawo yokufihla intloko, izindlu, amanzi nokuthuthwa kwelindle. Urhulumente kufuneka abonelele ngamayaza, aqinisekise ngamaziko ezempilo neenkonzo ezihanjiswa ngendlela, acebe indlela eyiyo yezempilo yelizwe eqwalasela iimfuno zabantu, kuqwalaselwa ngakumbi abantu abahluphekayo.


Imibutho yasekuhlaleni inokusebenzisa olu luhlu njengezikhazazo enokuziqhankqalazela kurhulumente nokuqinisekisa ukuba uhamba ngemigaqo neenkqubo zokuphakamisa ilungelo labantu kwezempilo.

Nemithombo iyatsha ngamaxesha athile: uRhulumente akakwazi kwenza yonke into

Urhulumente akakwazi kubonelela ngazo zonke iintlobo zoncendo lwempilo kumntu wonke kuba imithombo yakhe nayo iyatsha ngamaxesha athile. Unokubonelela kuphela ngezona zinto zibalulekileyo ngokwamandla akhoyo ngelo xesha. Oku kubizwa ngokuba kukwabiwa kwezitya.

Umgaqo-siseko uyayingqina into yokuba urhulumente akakwazi kubonelela ngazo zonke iintlobo zoncendo lwezempilo, ngoko uthi uncedo esilufumanayo kwezempilo lulawulwa ngamandla emali anayo engxoweni". Kodwa kuMqulu wamalungelo, kuthiwa urhulumente "kufuneka alifezekise" ilungelo lokufumana uncedo lwezempilo ngokwenza uhlahlo lwabiwo-mali, ngokubeka imithetho nangokwenza iinkqubo zolawulo zisebenze. Oku kuthetha ukuba, nokuba urhulumente akakwazi kufikelela kumgangatho okanye kuhlobo oluthile loncedo lwezempilo ngoku, kufuneka amaxesha ngamaxesha abeke imiqathango ukuqinisekisa ukuba kwixesha elizayo uza kukwazi ukubonelela ngolu ncedo lwezempilo. Yiloo ndlela eyenze abakwiphulo elijongene nonyango iTreatment Action Campaign (TAC) ikwazi ukunyanzela urhulumente abonelele ngeenqubo zokuThintela ukosuleleka yiNtsholongwane kaGawulayo koMntwana ngumama okhulelweyo. Ngoko ke, ngeli xa uMgaqo-siseko ungqina ukuba imithombo karhulumente iyatsha ngamanye amaxesha, awumvumeli urhulumente ukuba asonge izandla angenzi nto ukufezekisa ilungelo lakho kwezempilo. Esi sisixhobo esibalulekileyo kwimibutho yasekuhlaleni ukufaka uxinzelelo kurhulumente ukuba andise iinkonzo zabantu abahluphekileyo ngokuhamba kwamaxesha, ukukhusela amalungelo akho kwezempilo.

Ukuba uluntu (ngaphandle kweenkampani ezinkulu) luyakwazi ukuba neempembelelo kwizigqibo zokuba yabiwe njani imithombo yempilo, loo nto ingaphucula ukungalingani ekunikezeleni iinkonzo zempilo phakathi kwezityebi namahlwempu, naphakathi kweendawo zasemaphandleni nezisezidolophini. Imibutho yasekuhlaleni kufuneka isebenzise amalungelo oluntu ukuqinisekisa ukuba abona bantu bahlelekileyo bayakwazi ukubanempembelelo kwizigqibo zokwabiwa kwezibonelelo. Le yinxalenye yokudala intsebenziswano phakathi kwamaqela asekuhlaleni norhulumente wengingqi, kwisiCwangciso esihlangeneyo soPhuhliso. Ayizozigqibo nje kuphela ezimalunga noncedo lwezempilo, kodwa zizigqibo ezibalulekileyo kwiinkonzo ezifana nonikezelo lwezindlu, ilindle nombane ezinefuthe ekuphakanyisweni komgangatho wempilo.



Ukuba ufuna ezinye iinkcukacha nceda uqhagamshelane:

The People's Health Movement

Umnxeba: 021 9326042

Ifeksi: 021 9327707

Url: www.phmovementsa.org

Email: PHMsouthafrica@gmail.com

Open Democracy Advice Centre

Physical Address: 6 Spin Street, Cape Town

Telephone: +27 21 467 5673

Fax: +27 21 461 2814

Email: odac@opendemocracy.org.za

1. I-lungelo lokubasempilweni
2. Ukubandakanyeka koluntu nelungelo lokubasempilweni
3. Umqulo yamalungelo esigulane
4. amalungelo omntu ngamnye nawomntu wonke kwimpilo kawonke-wonke
5. Ukufikelela lula kulwazi oludingekayo
6. Amalungelo nokwabiwa kwemithombo yempilo



People's Health Movement



UNIVERSITY OF CAPE TOWN



Oxfam